



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2023**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-10.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## 1.1 ISICATSHULWA A

- 1.1.1 Kusesikolweni.√ (1)
- 1.1.2. Sesokuba luxabise imidlalwana edlalwa ngezixhobo zetekhnoloji.√ (1)
- 1.1.3. Sesokunxibelelana nabanye abantu.√  
Sesokumilisela ingqondo.√  
Ukusebenzisana ngentlonipho nabanye abantu.√  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.4 Imidlalo ikhulisa ukuzithemba.√  
Imidlalo ikhulisa ukuzola naxa iimeko zikuhambela kakubi.√  
Ukukwazi ukumela oko ukufunayo.√  
Ukumilisela ingqondo.√  
Imidlalo ikhuthaza intsebenziswano yamalungu eqela.√  
Ifundisa umntu ukwamkela ngesidima xa athe akaphumelela.√  
Ukuhlonipha abaphathi neenkokeli.√  
Ukukwazi ukuzilawula nokuziphatha.√  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.5 Ukuba iingcali ziyayibandakanya nentsebenziswano njengeyona nto ibalulekileyo kumalungu eqela√√/ukuba ziyakugxininisa ukubaluleka kwentsebenziswano yamalungu eqela√√/ ukuba iingcali ziyikhankanya intsebenziswano njengenxalenye [Nayiphi kwezi.] (2)
- 1.1.6 Ngokuthi abadlali balindane benikana amathuba√√/ ngokuthi kudlale umdlali omnye ngexesha, abanye balinde ukudlala ngethuba labo.√√ (2)
- 1.1.7 Kukugxininisa ukubaluleka kwesakhono esingumonde emntwini√√/ kukuxhokonxa iingcinga zomfundi abone ukubaluleka kokuba nomonde ukuze umntu aphumelele ebomini√√/ kukusenza sicingisise ngokubaluleka kokuba umntu abe nomonde ukuze aphumelele ebomini.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.8 Eyokuba umdlalo wentenetya ufuna umntu owudlalayo abe namandla kakhulu√√/eyokuba lo mdlalo ufuna amandla awongezelelekileyo.√√ (2)
- 1.1.9 Kwizihlunu.√  
Kumalungu okuphefumla.√  
Kusengqondweni.√  
Kusemoyeni.√  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.10 B√/B nesiphumo√/nesiphumo.√ (1)

- 1.1.11 Kungokuba kuwo kusetyenziswa amandla nokutyhalana√/  
kungokuba kuwo kukhe kuphele kusiliwa ngabadlali ngamanye  
amaxesha.√ (1)
- 1.1.12 Ngokuthi siqhelise abadlali ukusombulula iingxaki ngaphandle  
kokulwa√√/ ngokunceda abadlali bakwazi ukuzibamba nokulawula  
imisindo.√√ (2)
- 1.1.13 ... esebenza ngokwamendu nezakhono anazo√√/ esebenza  
ngokuzimisela ngeetalente anazo√√/ esebenza ngokuzimisela  
okugqithisileyo nezakhono anazo.√√ (2)
- 1.1.14 Luphumelele, kuba ndifunde ngezakhono ezakha isimo somntu  
ngenxa yokuthatha inxaxheba kwimidlalo eyahlukileyo athi  
ayidlale.√√

### OKANYE

Aluphumelelanga, kuba akukho zinkcukacha zinikiweyo  
ezihambelana neengozi anokuzifumana umntu emidlalweni.√√  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

## 1.2 ISICATSHULWA B

- 1.2.1 Mabini,√ kuba kukho abadlali abanxibe izinxibo ezingafaniyo√/  
kukho abadlali abacumba iitoti kubekho nabaleqa ibhola.√ (2)
- 1.2.2 Kunjalo, kuba bazibeka ngobunono iitoti abadlala ngazo  
beqinisekisa ukuba zibekeke kakuhle ukuze zingawi.√√ (2)
- 1.2.3 Kunjalo, kuba abantwana abasemfanekisweni basebenzisa iitoti  
ebezilahlwe njengenkunkuma ukwenza izixhobo zokudlala.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

<b>IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO</b>		<b>IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO</b>	
1.	'Intsebenziswano isisiseko senjongo ephambili yenkampani ekuphuhliseni imveliso.'	1.	Intsebenziswano isisakhelo senjongo yenkampani ekukhuliseni imveliso.
2.	'Intsebenziswano kwishishini idala umanyano phakathi kwabasebenzi neenkokeli, oko kuphumelelise ishishini.'	2.	Intsebenziswano yenza ubumbano lwabasebenzi neenkokeli oluphumelelisa ishishini.
3.	'Intsebenziswano ibenza abasebenzi basebenzele ukuba babe yinxalenye yempumelelo yenkampani lonke ixesha.'	3.	Intsebenziswano ibenza abasebenzi bazimisele ukubandakanyeka kwimpumelelo yenkampani maxa onke.
4.	'Intsebenziswano ikhuthaza ukuba abasebenzi bathembakale kwinkampani nakubaxhasi bayo kutsho kuqaqambe ishishini.'	4.	Ikhuthaza intembeko yabasebenzi kwinkampani nakubaxhasi, litsho ligqame ishishini.
5.	'Intsebenziswano yenza ukuba kubekho ubudlelwane obuhle phakathi kweenkokeli nabasebenzi, obugcina igama lenkampani lilihle.'	5.	Idala ubudlelwane obuhle phakathi kwabasebenzi nabaphathi obugcina igama lenkampani lilihle.
6.	'Intsebenziswano ikhulisa umnqwano wokuphucula izakhono kubasebenzi, ze oko kukhulise ngakumbi ishishini.'	6.	Intsebenziswano yenza abasebenzi bafune ukuziphucula kwizakhono litsho likhule ishishini.
7.	'Intsebenziswano idala ukubona ngeliso elinye, kujoliswe kumbono omnye oyimpumelelo yeshishini, ngumntu wonke okulo.'	7.	Intsebenziswano yenza imvisiswano, kugxininiswe kwinjongo enye ekukuphumelela kweshishini.
<b>[75 amagama]</b>		<b>[57 amagama]</b>	

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
  - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

- 3.1 Zibhekisa kumthengi✓/ kumdlali.✓ (1)
- 3.2 Iluncedo ngokongeza ii-elekhtrolaythi ezimka nokubila komzimba✓/ ngokunika amandla.✓ (1)
- 3.3 'Amandla awongezelelekileyo.'✓ (1)
- 3.4 B✓/B Ophezulu✓/Ophezulu.✓ (1)
- 3.5 Yeyokubonisa ukuba le mveliso ilungele abantu abangabadlali✓✓/ukuba yimveliso enceda abantu abangabadlali✓✓/ yeyokukhuthaza abantu abangabadlali ukuba bayithenge.✓✓ (2)
- 3.6 Yeyokulahlekelwa komzimba zii-elekhtrolaythi✓✓/ yeyokuphela kwee-elekhtrolaythi emzimbeni✓✓/yeyokuphuma kwee-elekhtrolaythi emzimbeni.✓✓ (2)

- 3.7 Singandenza ndithathe isigqibo sokuyithenga, kuba siyazixela izinto endingazizuxa xa ndithe ndathenga le mveliso ezifana nee-elekhtrolaythi namandla.√√/kuba imifanekiso esetyenzisiweyo isenze saba nomtsalane esi sibhengezo-ntengiso.√√

### OKANYE

Asinakundenza ndithathe isigqibo sokuyithenga, kuba izinto ezibalulekileyo ezifana nodidi lwabantu abanokuyisebenzisa aluxelwanga√√/kuba izinto ezinokuthi zibe yingozi emzimbeni xa uyisebenzisa ixesha elide azixelwanga√√/ kuba indawo efumaneka kuyo ayixelwanga√√/ kuba ixabiso layo alixelwanga√√/ kuba akuxelwanga ukuba ihlala ixesha elingakanani emzimbeni√√/ kuba iinkcukacha zokuba yenziwe ngantoni azixelwanga ngoko ke andinakuyithemba.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)  
[10]

### UMBUZO 4

- 4.1 Sahluke ngokuba kukho umlinganiswa onguSteve yedwa kuso√/ngokuba kukho umlinganiswa omnye kuso√/ ngokuba uSteve uvele ngomzimba ongentla kuphela√/ uSteve akavezwanga ehleli esofeni√/ udaba lwakhe lobuso lwahlukile kunakwizakhelo soku-1 nesesi-3.√ (1)
- 4.2 C√/C asikenzeki√/asikenzeki.√ (1)
- 4.3 Kungokuba uzama ukugxininisa oku akuthethayo√√/wenza isijekulo esicacisa akuthethayo√√/ulandelelanisa izinto athi ziyimisebenzi yendoda√√/ ubala izinto athi ziyimisebenzi yendoda.√√ (2)
- 4.4 Ingcinga ebethelekileyo√ kuba inika uluvo lokuba kukho imisebenzi efanele amadoda kuphela engenakwenziwa ngabantu abangoomama emzini√/inika uluvo lokuba ngabantu abangamadoda kuphela abongamelayo, abondlayo nabakhuselayo emizini.√ (2)
- 4.5 Uyacaphuka√/udikiwe√/unomsindo√ kuba uyamphoxa ngokuthi makavale umlomo√/ kuba igama 'VALA' uyalikhwaza ejonge kuPat.√ (2)



- 4.6 Aluloncedo kuba uSam usemncinci kwaye kwixesha aza kube enomzi ngalo kuza kube kubetheleleke inkolelo yokuba wonke umntu ufanele ukuba ayenze le misebenzi ayixelelwa nguSteve emzini wakhe nokuba uyindoda okanye ungumntu ongumama✓✓/kuba ukhula ngexesha isini singaqondwa ngendlela asiqonda ngayo uSteve✓✓/kuba uSteve umxelela ulwazi neemfundiso akhule ngazo kwixesha langaphambili, abe yena uSam ekhula kumaxesha apho imisebenzi ingahlulwa ngokwesini.✓✓

### OKANYE

Luluncedo kuba lumazisa uxanduva abanalo abantu abadala✓✓/kuba lumkhuthazela ukuba naye xa emdala azi ukuba kufuneka athathe uxanduva ekhayeni✓✓/kuba lumxhobisela ixesha elizayo✓✓/lumkrobisa kuxanduva abanalo abantu abadala✓✓/kuba kufuneka akhule esazi ukuba umntu ngamnye ebomini kulindeleke ukuba angalubaleki uxanduva.✓✓  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)  
[10]

### UMBUZO 5

- |     |        |   |     |
|-----|--------|---|-----|
| 5.1 | 5.1.1  | Eli.✓   | (1) |
|     | 5.1.2  | Libhekisa kwisibizo, 'Igama'.✓  | (1) |
|     | 5.1.3  | Le ntetho isisiseko✓ sokwakhiwa kwamakhaya namanye✓ amaziko okwakha uluntu. | (2) |
|     | 5.1.4  | D✓/D iyeelelene nesaci✓/iyeelelene nesaci.✓                                 | (1) |
|     | 5.1.5  | umntwana.✓  | (1) |
|     | 5.1.6  | Ubuntu buquka inceba, uvelwano nothando.✓                                   | (1) |
|     | 5.1.7  | Sandulela isibizo✓✓/siphambi kwesibizo.✓✓                                   | (2) |
|     | 5.1.8  | (a) Uqeqeshwa.✓   |     |
|     |        | (b) Sisixando sokwenziwa.✓  | (2) |
|     | 5.1.9  | Lixesha elidlulileyo.✓  | (1) |
|     | 5.1.10 | Mntwana hlonipha abantu!✓✓/ hlonipha abantu mntwana!✓✓                      | (2) |

- 5.2 5.2.1 Masikhathalele izilwanyana ukuze zisikhathalele.√√ (2)
- 5.2.2 Aba bantu bobabini bayancedisana ukukhathalela inja√√/Bobabini  
aba bantu bayancedisana ukukhathalela inja√√/Bayancedisana  
aba bantu bobabini ukukhathalela inja√√/Bayancedisana  
ukukhathalela inja aba bantu bobabini√√/Bayancedisana  
ukukhathalela inja bobabini aba bantu.√√ (2)
- 5.2.3 Zisikhathalele nazo izilwanyana?√√/Zisikhathalele izilwanyana  
nazo?√√ (2)
- [20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**